

Inombolo yefayili.: 21/2/5/2/EGRA
Isalathiso: 20230327-2933

INGcaciso eMfutshane yeCandelo leKharithyulam ye-GET: 0004/2023

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli aBaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharithyulam, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBacebisi ngeZifundo kwisiGaba esiSiseko, kwiiNqununu nakwiiNtloko zamacandelo zezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo.

Isihloko: Imilinganiselo yothelekiso (benchmarks) yoHlolo loKufunda kumaBakala aBasaqalayo (Early Grade Reading Assessment) kwisiGaba esiSiseko

1. ISebe leMfundo esiSiseko (iSebe i-DBE) lasungula inkqubo yamaBakala aBasaqalayo yoHlolo i-*Early Grade Reading Assessment* (EGRA)) ukomeleza ukufunda novavanyo lokuqonda (*reading and comprehension*) kwiSigaba esiSiseko. Olu Hlolo lwe-EGRA luqhutywa ngootitshala beklasi yaye lusisixhobo sokuqonda iingxaki zokufunda zabafundi (*diagnostic tool*).
2. Ukususela ngo-2015, zonke izikolo zaseNtshona Koloni zifumene uqeqesho kwiprogram ye-EGRA, yaye i-EGRA njengangoku iphunyezwa kuzo zonke izikolo zephondo.
3. Idatha ye-EGRA irekhodwe kwi-deshibhodi (*dashboard*) engumfanekiso oneenkukacha zeprpgram ye-EGRA yephondo.
4. Ngonyaka ka-2022, iSebe i-DBE, ikomiti yophando i-*Research on Socioeconomic Policy (RESEP)* kwiYunivesithi yaseStellenbosch, i-*Southern Africa Labour and Development Research Unit (SALDRU)* kunye neYunivesithi yaseChicago, zenze uphando ngemilinganiselo yothelekiso yeelwimi zesiNguni, isi-Afrikansi uLwimi lweeNkobe nesiNgesi uLwimi lokuQala oNgezelelweyo (EFAL). IsiXhosa uLwimi lweeNkobe luyinxalenye yeelwimi zesiNguni.
5. Olu phando lolokuqala ukumisela imilinganiselo yothelekiso yokwenene yamaqela eelwimi ezithile yaye luzise ulwazi olutsha malunga nemilinganiselo yothelekiso abafundi abafanele ukufikelela kuyo ngexesha lohloho lomzuzu omnye kwiindidi ezahlukeneyo zohlolo. IziHlomelo A, B no-C ziqhotyoshelwe apha njengezibonisa iinkukacha ngokumalunga noku.

6. Uphando lufikelele encotsheni ngokusekwa kwale milinganiselo yothelekiso ilandelayo:

IsiXhosa uLwimi lweeNkobe	
Uhlolo	Umlinganiselo wothelekiso omtsha
Ukunakanwa koonobumba nezandi	Akukho lutshintsho kwimilinganiselo yothelekiso yangoku
Ukunakanwa kwamagama	Akukho lutshintsho kwimilinganiselo yothelekiso yangoku
Ukufundwa komhlathi	Ekupheleni kweBakala 2, bonke abafundi kufuneka bakwazi ukufunda ubuncinane amagama angama-20 ngomzuzu ngokuchanekileyo xa befunda umhlathi. Ekupheleni kweBakala 3, bonke abafundi kufuneka bakwazi ukufunda ubuncinane amagama angama-35 ngomzuzu ngokuchanekileyo xa befunda umhlathi.
Isi-Afrikansi uLwimi lweeNkobe	
Uhlolo	Umlinganiselo wothelekiso omtsha
Ukunakanwa koonobumba nezandi	Akukho lutshintsho kwimilinganiselo yothelekiso yangoku
Ukunakanwa kwamagama	Akukho lutshintsho kwimilinganiselo yothelekiso yangoku
Ukufundwa komhlathi	Ekupheleni kweBakala 2, bonke abafundi kufuneka bakwazi ukufunda ubuncinane amagama angama-50 ngomzuzu ngokuchanekileyo xa befunda umhlathi. Ekupheleni kweBakala 3, bonke abafundi kufuneka bakwazi ukufunda ubuncinane amagama angama-80 ngomzuzu ngokuchanekileyo xa befunda umhlathi.
IsiNgesi uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo	
Uhlolo	Umlinganiselo wothelekiso omtsha
Ukunakanwa koonobumba nezandi	Akukho lutshintsho kwimilinganiselo yothelekiso yangoku
Ukunakanwa kwamagama	Akukho lutshintsho kwimilinganiselo yothelekiso yangoku
Ukufundwa komhlathi	Ekupheleni kweBakala 2, bonke abafundi kufuneka bakwazi ukufunda ubuncinane amagama angama-30 ngomzuzu ngokuchanekileyo xa befunda umhlathi. Ekupheleni kweBakala 3, bonke abafundi kufuneka bakwazi ukufunda ubuncinane amagama angama-50 ngomzuzu ngokuchanekileyo xa befunda umhlathi.

7. Abafundi beBakala 1 baya kuhlololwa kuphela ukunakana oonobumba nezandi ngo-Apreli (iKota 2). Ngo-Oktobha (iKota 4), abafundi beBakala 1 baya kuhlololwa ukunakana oonobumba nezandi kunye nokunakana amagama. Akusayi kubakho hlolo lokufundwa komhlathi kwiBakala 1.
8. Le ngcaciso imfutshane yenzelwe ukwazisa izikolo ukuba le milinganiselo yothelekiso mitsha iya kuphunyezwa ukususela ngo-Apreli 2023.
9. IziHlomelo D, E, F no-G ziqhotyoshelwe njengemizekelo yamaphepha amatsha okurekhoda (*recording sheets*) eelwimi ezahlukileyo.
10. Imilinganiselo yothelekiso yesiNgesi uLwimi lwaseKhaya iza kuhlala ifana neyeminyaka edlulileyo.
11. Ziyacelwa iinqununu ukuba zazise okubhalwe kule ngcaciso imfutshane ootitshala beSigaba seSiseko neeKomiti zoLawulo zeZikolo ezikolweni zabo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-H MAHOMED

USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO

UMHLA: 2023-03-29